

FUNA UBUSO BAKHE

Indumiso 27:8

Indlela ebonakalayo yokuthandaza nokumamela iyure ibenye

1. Funa ubuso bakhe ngokubiza iGama likaThixo (imizuzu ibe 5)

UThixo wonyamezelo novuselelo (Rom. 15:5), uThixo wenfesane nobabalo (Eksod. 34:6), El-Shadai (UThixo uSomandla) (Gen. 17:1), Yahweh – Jireh (uYehova ozibonelayo; obonelelayo) (Gen. 22:14), Yahweh-Ropheka (uThixo igqirha lethu) (Eksod. 15:26), Yahweh-Shalom (UThixo onika ukuphumla uThixo oluxolo) (Ind. 35:27), UThixo welizwe lonke (Mika 4:13), uYesu Kristu yindlela yinyaniso bubomi (Yohane 14:6), uKristu ungamandla nobulumko bukaThixo (1 Kwabasekorinte 1:24) Imvana isesazulwini seTrone (Isityhilelo 7:17), Imvana eyaxhelwayo (Isityhilelo 5:12), UKristu ithemba lozuko (Kolose 1:26) Umoya: wobulumko nowenqondo, umoya wecebo nowobugorha, umoya wokwazi nowokoyika uYehova (Isa. 11:2), ubabalo, izicelo, ubungcwele, uthando, inyaniso, amandla, ukuzeyisa, ubulumko, isityhilelo sokwazi yena, umoya wozuko.

2. Funa ubuso bakhe ngokuthandazela ukuba uvuseleleke wena. (imizuzu ibe 5)

Zivavanye ngale mibuzo:

- Ingaba kukhona isono endingasivumanga ebomini bam?
- Ingaba ndisenokungaxoleli nobukrakra ebomini bam?
- Ingaba kukhona izenzo zentandabuzo ebomini bam?
- Ingaba ndiyawuthobela na uMoya Oyingcwele kwizinto zonke?
- Igaba ndiyamvuma uYesu ngokungenazintloni?

3. Funa ubuso Bakhe: Ngokuthandazela iintsapho ezintlanu ezingasindiswanga, abahlobo okanye abantu abathile. (imizuzu ibe 5)

1. _____ 2. _____
3. _____ 4. _____
5. _____

Thandazele ukusindiswa kwabo nokuthi uThixo abasikelele (Emoyemi, Entlalweni, Kwiivakalelo) Thandaza ngezidingo zabo.

4. Funa ubuso Bakhe ngokuthandazela ukuba ubuqaqawuli bakhe butyhileke ebandleni lakhe. (imizuzu ibe 5)

1. _____

2. _____
3. _____
4. _____
5. _____

Okanye/ Funa ubuso bakhe ngexa yebandla (imizuzu ibe 5)

1. Thandazela ukuba icawa zibuyiselwe ukuba zibe zizindlu zomthndazo ezizweni zonke (Isa. 56:7, Mateyu 21:13)
2. Thandaza ikuba icawa zizalisekise umthetho omkhulu – ngokuthatha ivangeli bayise kwintlanga zonke. (Mateyu 28: 18-20)
3. Thandaza ikuba icawa zizalisekise umyalelo omkhulu womthetho – icawa zifikelele ngaphandle ngezenzo zothando nezovelwano ekuhlaleni, bengqamanisa ngokubhekisele kwizidingo zabantu. (Mateyu 22:37-40)
4. Thandazela ibandla elizakuthembeka ezwini.
5. Ukubuyiselwa kobuhlobo phakathi kwamabandla ahlukeneyo naphakathi kwenkonzo: ukwahlukana, impakamo, umona, njal-njal.

5. Funa ubuso bakhe mayela nezinto ezidingwa nguwe. (imizuzu ibe 5)

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____

6. Funa ubuso bakhe ngokulinda nokumamela kuye (imizuzu ibe 5)

Cela iNkosi ityhile izinto ezintsha kuwe, izinto afuna uziqaphele ze uziqwalasele. Cela uThixo atyhile intando yakhe nezicwangiso zakhe kuwe. Cela iNkosi ngezinto ezisentliziweni Yakhe, afuna wena uthandaze ngazo. Bhala phantsi (incwadana) oko uThixo akuthethayo kuwe.

7. Funa Ubuso bakhe ngokuthandaza Izwi. (imizuzu ibe 5)

Qalisa ukuthandaza gokulandelelana kwincwadi yeNdumiso. Funda uthandaze ku 2-3 kwiiNdumiso maxa onke uthandaza.

8. Funa ubuso Bakhe ukuze kubekho ukugqobhoza nokungenelela kwakhe kulemiba ilandelayo yalapha ehlabathini. (imizuzu ibe 5)

1. Ubhubhane wesifo sikagawulayo, umbulo, ukuthengisa ngomzimba.
2. Ukwanda kwabantu abangamahlwempu nabasweleyo, ukwaphulwa komthetho, nezenzo ezibi.
3. Urhwaphilizo kuwo onke amanqanaba, nemiqophiso engenabuThixo.
4. Ukutshutshiswa kwebandla kwizizwe ezininzi.
5. Iimfazwe, impalalo gazi, udushe lobuhlanga. thandazela futhi izigidi zabaphanbukeli.
6. Uhlukunyezwa kunye nokuphathwa gadalala koomama nabantwana, ukuqhomfa.
7. Ucalucalulo nokucaphukelana ngobuhlanga kunye nempakamo.
8. Ubugqwirha nonqulo zithixo.

9. Funa ubuso bakhe ngokuthandazela izizwe (imizuzu ibe 5)

Bhala phantsi amagama ezizwe ezihlanu

1. Ukuthululwa kuka Moya oYingcwele ebandleni.
2. Ukuvuswa kwabantu ababiziweyo emabandleni, bafikelele kubantu ekunzima ukufikelela kubo ngevangeli. (Marko 16:15-19)
3. Iinkokheli ezikhulileyo emoyeni nezinobuThixo.
4. Ukwanda kwabafundi abazinikeleyo.
5. Ukuza koxolo lukaThixo nozuko ezizweni nakwiintlanga, ukuthi uThixo uyakusikelela iintlanga aphilise iintlanga.
6. Ukuthi iinkosi nabaseburhulumenteni bathobe ebuThixweni bukaYesu njengeNkosi yamaKhosi. (Isa. 49:7)

10. Funa ubuso Bakhe ngenxa yenkokheli nabelusi (imizuzu ibe 5)

1. Amadoda nabafazi anakho, amadoda nabafazi amoyikayo uThixo, amadoda nabafazi anyenisekileyo, amadoda nabafazi ayithiyileyo inzuzo embi. (Ex. 18:21)
2. Ngoko ndinga angathandaza amadoda kuzo zonke iindawo, ephakamisa izandla ezingcwele, engenangqumbo, engenantandabuzo. (Tim. 2:8)
3. Ndinike abalusi abanentliziyo yam, banaluse ngokwazi nangengqiqo. (Jer. 3:15)
4. Ukuze abapostile, abaprofeti, abavangeli, abefundisi, nabe lusi abazaliswe ngomoya oyingcwele nemfesane yeNkos'u Yesu, ukwakheka kwabangcwele emsebenzini wolungiselelo ekwakhekeni komzimba kaKrestu ukuze uKristu ekhelwe kuthi.
5. Ukuze amadoda nabafazi alungele ukuvela phambi koThixo, ahlule inyaniso, anakho ukunyamezela ubunzima, ezizitya zembeko zingcwaliswe ukusetyenziselwa Umlawuli, zilungiselelwe umsebenzi olungileyo, zichasane nokunganaki, zingenzi udushe, babe nobubele, umonde, ukuthobeka kunye nokuthembeka ibe ngamadoda nabafazi abanakho ukufundisa. (2 Tim. 2:1-22)

Okanye/ Funa ubuso bakhe ngokuthandazela abantu abatsha:

Ukuze esisizukulwana sabantu abatsha sifumane abanye ngevangeli

1. Ukuze abantu abatsha basondele kuThixo bamthobele uThixo
2. Ukuze abafundi bazilahle ekuphileni ngcwele
3. Ukuze balambeke ukukhonza uThixo nokulandela apho athi mabaye khona
4. Mababe nentliziyo yokufikelela ekukhonzeni amahlwempu

11. Funa ubuso bakhe ngokuxolelanisa abantu noThixo nabanye (imizuzu ibe 5)

Ukuze izizwe zivume izono zokuhlungisa, ukunxinizelela nokuhlukumeza abantu balo nezinye izizwe.

1. Uxolelwaniso kwizigaba ngezigaba (ku masapho , uxinizelelo lwabafazi nabantwana, phakathi kwecawa namabandla, amaqela athile okanye ubuhlanga, phakathi kwamazwe, njalo-njalo)
2. Ukwaphulwa kwe nqaba, ngendlela zopolitiko ekwenzwa ngayo ukutshabalalisa impilo zabantu.
3. Ukuze abantu ngabanye iziduko abantu abohlukeneyo baxolele abo babenza buhlungu.
4. Ngokwenza uxolelwaniso nokusikelela onye nomnye.

Kunye/Okanye Funa ubuso bakhe ekukhululekeni kwabantu ebugqirhweni nase kunquleni izithixo

1. Ukuze abantu bavume nayiphi na inxaxheba abayithabathileyo ebugqirhweni nesekunquleni izinyanya.
2. Ukuze abantu baxeke ukuba uYesu Kristu yedwa uyiNkosi – Indlela, Inyaniso Ubomi. (1 KwabaseKor. 12:3; Rom. 10:12; Joh. 14:6)
3. Ukuze abantu baxeke ukuba uYesu nguye yedwa umxolelanisi phakathi koThixo nabantu. (1 Tim. 2:5)
4. Ukuze abantu baxeke ukuba igazi nokubethelelwa kukaYesu emNqamlezweni kusanele ukuba sixolelaniswe noThixo. (Heb. 10:19; Efese. 2:13)
5. Ukuze abantu baxeke ukuba uThixo ngo Moya oyiNgcwela uzakutyhila oothixo bobuxoki. (2 KwabaseKor. 6:14-18)

12. Funa ubuso bakhe ngokumdumisa nokumnqula (imizuzu ibe 5)

Gqibezela ixesha lakho lokuthandaza ngokumdumisa nokumnqula. Bulela uThixo ngokulunga kwakhe uthabathe nexesha lokusikelela abanye ngabanye abafike engqondweni yakho, egameni leNkosi uYesu Kristu.

Jericho Walls International Prayer Network

Private Bag X22, Lynwood Ridge, 0040, South Africa

Tel.: +27-12-365 3213, Fax: +27-12-365 3214,

Prayer Network: info@jwipn.com / www.jwipn.com

24/7 Prayer: info@global24-7.org / www.global24-7.org

SEEK MY FACE - XHOSA
